Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

SEPTEMBA 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

I-OVERSTRAND IBALULE UPHUHLISO LOLUNTU NGALE NYANGA YOKUKHUMBULA UMANDELA

NgoLwesibini umhla we-18 kuJulayi 2017, uSodolophu weSigqeba e-Overstrand, uCebakhulu uRudolph Smith ephelekwe ngamalungu ekomiti yakhe angooCeba uElnora Gillion noArnie Africa, beza tanci negalelo labo eOverstrand kumkhankaso wokubhiyozela uSuku lukaMandela ngokuthi batyelele iZiko leMpilo neNtlalontle eHawston.

Lo msitho wavulela uWally Moosa onguMhlalingaphambili kweli Ziko ithuba lokuba anikele uSodolophu neqela lakhe ukuba bamkelwe njengabakhenkethi. Olu tyelelo lwaluquka ukuba bangene kumagumbi ezigulane, kwigumbi lokuphekela, kwigumbi elinoomatshini bokuhlamba impahla nokuhamba-hamba phakathi kwigadi entle yomfuno nemifino. Kwathi kusenjalo, uSodolophu wafumana wanencoko nezinye zezigulane ngokunjalo nesitafu phambi kokuba ancedise ekugaleleni isuphu kwizikhongozelo ezingama-67 nesonka ukuze kunikwe abantwana ababengumkrozo, elowo elinde ithuba lakhe ngenyameko.

Beselapho njalo, uSodolophu uMnu.Smith wafikelela kwisithuba sokuba anikezele ngesitulo esinamavili awathi uGeorge Kinnear uMphathi weli Ziko siya kongeza kwizinto ezifunyanwa luluntu njengezibonelelo.

Enye yezinto ezathi zenziwa ngumsebenzi wokuhlaziya isakhiwo apho abantwana abasebenzisa iThala leencwadi eHawston phantsi kweNkqubo yeZifundo ezicwangciselwe ixesha leeHolide bathi bahlamba iifestile ngeli xesha iqela labacimimlilo eOverstrand laliphumzana ekucoceni nasekutshayeleni umgangatho weholo.

Kumsitho wokukhumbula uSuku lukaMandela uSodolophu wathetha wenjenje, "Umsebenzi owenziwa kwiindawo ezilolu hlobo unefuthe ekuhlaleni ngendlela encomekayo kwaye ubonisa ukuthatha uxanduva ngeemeko zasekuhlaleni, nto leyo yayibethelelwa kakhulu nguTata uMadiba."

"Lo msitho undenze ndanemvakalelo ngokwasemoyeni kwaye ndiyalincoma eli ziko nesitafu salo ngokuthatha uxanduva nokwenza umsebenzi oncomekayo," watsho njalo uSodolophu.

Ngeli xesha uSodolophu abhiyozela uSuku lukaMandela eHawston, abanye ooCeba eOverstrand nabo badlala eyabo indima ekuhlonipheni umlando kaMadiba. UValerie Pungupungu onguCeba kaWard 5 waqokelela abantwana eZwelihle ngeenjongo zokucoca ipaki ekwalapha kule ngingqi; wasebenzisa eli thuba ebafundisa ngokubaluleka kococeko kokusingqongileyo. UValerie uphinde watyelela iSiyazama Old Care Center apho athe wancedisa ukuba iinkonde zifumane isidlo sasemini esiyisuphu efudumeza umzimba.

Amalungu eCandelo leeNkonzo zokuCima uMlilo nokuHlangula eOverstrand enze umsebenzi oncomekayo njengexalenye yezinto ebezisenziwa; ukucoca nokuphekela abantwana baseKhanya Educare Center eZwelihle isuphu.

UCeba uConnie Tafu-Nwonkwo engumhlali waseZwelihle ngokwakhe, wancedisa ngokuthi anikele ngesisa ukutya namanaphukeni alahlwayo kubantwana baseKhaya Lezibusiso.

UFanie Krige onguCeba ka-Ward 10 eKleinmond, ngentsebenziswano noKBRC bapeyinta ikhonteyina, bafundisa ulutsha indlela yokutyala imbewu kwiprojekthi ebizwa ngokuba yiMandela Circular Random Harvest eMthimkhulu Village. UGrant Cohen onguCeba ka-Ward 9 neqela lamavolontiya, kwelabo icala bancedisa isitafu kwiZiko leZilwanyana ezingenamakhaya nakwii-Ofisi zoMbutho waBantwana kwezeNtlalontle.

USodolophu uRudolph Smith (esazulwini) unika abantwana izinto zokugalela isuphu kumsitho wokukhumbula uSuku lukaMandela eHawston Health and Welfare Organisation ngoLwesibini umhla we-18 kuJulayi 2017. Owayencedisa apho liLungu leKomiti kaSodolophu noCeba uElnora Gillion oyiNtloko yoPhuhliso loQoqoshokwe nezokhenketho (ngowesibini ekhohlo).

ISitafu kwii-ofisi zaseHangklip-Kleinmond, uCeba uFanie Krige noCeba uGrant Cohen kwiphulo labo lokuqokelela iingubo bakhokelwa nguCeba uFanie Krige ukuqukumbela lo msebenzi ngokunikezela ezi ngubo kuEsmien van Zyl kwi-ofisi yoMbutho waBantwana kwezeNtlalontle eKleinmond .

UConnie Tafu-Nwonkwo onguCeba (ekunene) unikezela ngokutya kumaxhegwazana nabantwana kumsitho wokukhumbula uSuku lukaMandela ngoLwesibini umhla we-18 kuJulayi 2017. Lo msebenzi waqhutywa ngoncedo lwamalungu asekuhlaleni eZwelihle.

UValerie Pungupungu onguCeba ndawonye nabantwana bakwa-Ward 5 eZwelihle ubonakala eqokelela izinto zokucoca phambi kokuba banikezele ngama-67 emizuzu yegalelo labo ngoSuku lukaMandela. UCeba Pungupungu walusebenzisa olu suku ukuze afundise abantwana bakwa-Ward 5 ngokulondoloza iindawo abahlala kuzo nokuzigcina zicocekile ngamaxesha onke.

Abancedisa ekhitshini ngabacimi-mlilo baseOverstrand (ukususela ekhohlo ukusa ekunene) nguEbriam Isaacs, uBrendan Hunter, uKyle Alberts noOwen Stewart.

SARS
South African Revenue Service

Umhla: we-09 kuOktobha 2017
Indawo: eHawston Thusong Centre
Ixesha: ngentsimbi ye-09h00 kusasa - 15h00 emva kwemini.

Umhla: we-10 kuOktobha 2017
Indawo: eKleinmond Youth Centre
Ixesha: ngentsimbi ye-09h00 kusasa - 15h00 emva kwemini.

Umhla: we-07 kuNovemba 2017
Indawo: eGansbaai Communal Sportsgrounds
Ixesha: ngentsimbi ye-09h00 kusasa - 15h00 emva kwemini.

Umhla: we-08 kuNovemba 2017
Indawo: eMount Pleasant Moffat Hall
Ixesha: ngentsimbi ye-09h00 kusasa - 15h00 emva kwemini.

"IIMFENE EZIHLUPHAYO"

Iimfene ezihluphayo kummandla waseOverstrand yingxaki yakudala eyaziwa nguMasipala kwakwiminyaka engaphambili. Oku kwabangela ukuba uMasipala afune iingcebiso kwezomthetho ngowama-2013 ukuze agxothe ezi mfene esebenzisa amagunya akhe ngokusesikweni ukuze ngokwenza njalo nabahlali bafumane ukuphumla.

Kukho umbono oyenza icace eyokuba uMasipala akanawo amagunya okulawula ezi mfene ziyingxaki. UMasipala ngumbutho waseburhulumenteni. Ngamanye amagama yimicimbi ayibekelwe lisebe lowisomthetho okanye umgaqo-siseko anokuthi enze inkcitho-mali ngayo. Kunyaka ophelileyo lo mbono ungqinwe ngooMakhwekhwetha kweZomthetho, kulandelelwa isigqibo senkundla esathi sadala amakhwiniba kwiSixeko saseKapa. Lo mcimbi wabanomahluko, ityala lanezigqibo ezinxamnye nomthetho. UMasipala akanalo igunya lokulawula iimfene eziyingxaki kambe ingenguwo nomsebenzi wakhe ukwenza njalo.

Iimfene eziyingxaki ngumsebenzi owabelwe uRhulumente wePhondo noRhulumenete kaZwelonke nguMgaqosiseko. Ngenxa yokuba kunjalo, uMmiselo woLondolozo lweNdalo we-19 ka-1974 uthobela iBhodi yoLondolozo lweNdalo eNtshona Koloni ("uCapeNature") igunya, ngoko ke unoxanduva ngokoMmiselo woLondolozo lweNdalo, ukuba abeke esweni ezi mfene ziyingxaki ukuze zizingelwe.

UMasipala umbongozile uCapeNature ukuba enze into ngale ngxaki, ukuze abahlali bafumane ukukhuseleka kwiimfene ezonakalisa imizi yabo benyanzelisa ukuba bathabathe uxanduva ekulawuleni ezi mfene ziyingxaki.

INGCALI EYAZIWAYO INIKA IZIMVO ZAYO NGONGCOLISEKO LOLWANDLE YIPLASTIKHI

UGqr.Jenna Jambeck, injingalwazi elidlelandawonye kwi-Yunivesithi yaseGeorgia nengcali kungcoliseko lolwandle yiplastikhi, unikele ngezimvo zakhe kubaphulaphuli ababegcwalise iCivic Auditorium eHermanus ngobusuku bangoMvulo umhla we-17 kuJulayi 2017, ngokwenza intetho esihloko sithi, "Iziphumo zoNgcoliseko loLwandle".

Le ntetho yaseAfrican Marine Waste Network Conference ngokuquzelelwa yiSustainable Seas Trust (SST) eBhayi kwiveki ephelileyo yeyesibini ukwenziwa nguGqr.Jambeck kutyelelo lakhe eMzantsi Afrika ngokuthunyelwa liSebe lasebuRhulumenteni eMelika.

Le ntetho ibalule umonakalo owenziwa yinkunkuma yeplastikhi elahlekela kwiilwandle zehlabathi mihla le. Elinye kumanqaku aphambili yinto yokuba iplastikhi ayiboli, koko inqunqeka ibe ziiplastikhana eziye zidade okanye zizike; ezi zidadayo zenza "izibhaxu zeplastikhi" ezikhulu elwandle.

Elwandle ezi plastikhana ziba yinxalenye yezinto ezityiwa zizilwanyana zaselwandle, kanti ke zinobungozi ongenakubuqonda.

Nangona iOverstrand ithe yafumana ukunconywa ngenkunkuma esetyenziswa ngokutsha nokucoceka kwamanxweme kutyelelo lwawo ebutsheni bemini, uGqr. Jambeck ukhankanye uphando lwalapha olufumene iiplastikhana kwizisu zezilwanyana zaselwandle kulo mmandla.

Le ntetho iqalwe nguGqr.Tony Ribbink weSST ngentshayelelo eyenziwe ngoncedo lwemifanekiso ebhekisa kwiAfrican Marine Waste Network. UGqr. Ribbink ukwayiyo nentloko yeSouth Africa's Hope Spots - kuzo kungabalulwa iCape Whale Coast esusela eRooi Els ise eQuin Point.

Abanye kuluhlu lwezithethi ibe nguJohan van Taak oyiManejala yokuThuthwa kweNkunkuma eOverstrand noLiezl Bezuidenhout oyiManejala ePhezulu yokuSingqongileyo, abatyhile iingqondo zabantu kwiintetho zabo ngeziphumo ezinobungozi ezidalwa ziiplastikhi ezilahlwayo kokusingqongileyo nakumalwandle ethu, amagama ezi ntetho ngala "Re-Think the Bag" no"Cape Whale Coast - The Hot Spot".

UGqr. Jenna Jambeck, unjingalwazi olidlelandawonye kwiYunivesithi yaseGeorgia nengcali kungcoliseko lolwandle yiplastikhi, wenza intetho evuselela izazela nge"Ngozi yoNgcoliseko loLwandle" kwindimbane eyayiphulaphule ngomdla eCivic Auditorium eHermanus ngoMvulo umhla we-17 kuJulayi 2017.

Nangona kugxininiswe ekukhuseleni izilwanyana zasendle ngokwasempilweni, iiHot Spots zoMzantsi Afrika zibonise impembelelo ekumiseleni ngokusesikweni iAfrican Marine Waste Network, wonke umntu wayecacelwe ngumyalezo wosuku: Iiplastikhi ezilahlekela kumalwandle ehlabathi jikelele yingxaki efuna isisombululo esikwizinga lehlabathi.

Ezweni lethu, singabathengi sinokwenza umahluko ngokwenza izigqibo ezifanelekileyo nokufaka uxinzelelo kumashishini angoomathenga-bethengisa ukuba bayeke ukwenza iiplastikhi ezilahlwayo (njengeeplastikhi zokufaka igrocery neengcongolo zesiselo).

Ngethemba lokuzibandakanya kumgangatho wehlabathi, uGqr. Jambeck wabonisa loo ndimbane i-App ebizwa ngokuba yi'Marine Debris Tracker' nongomnye wabasunguli balo ukuza kuthi ga ngoku le App ibe isetyenziselwa ukukhangela izibi ezingaphezulu kwesigidi kwihlabathi lonke ukuze loo nto yenze kuqondakale indlela esasazeka ngayo inkukuma kumalwandlekazi ehlabathi. Ukuze ufunde banzi ngolu shicilelo nokuba ungancedisa njani kwezi nzame, qhafaza ku-https://play.google.com/store/apps emva koko uchwetheze u'Marine Debris Tracker'.

UShirley Mgoboza, onguMququzeleli weNkqubo yoLutsha kuLondolozo lweMinenga eseluNxwemeni, ubonakala emisa indawo yakhe ngosuku lokufundisa ngoNgcoliseko lwaseLwandle ngoMvulo umhla we-17 kuJulayi.

Umbutho woLondolozo lweeMinenga eseluNxwemeni (LMN) ubeke isitya sesushi esenziwe ngeplastikhi ukubonisa ukuba ungcoliseko lwaselwandle lubuya lube lungcoliseko lokutya kwethu emakhaya.



Isikhumbuzo sokusekwa koMyezo weNdalo i-Fernkloof kwiminaka engama-60 eyadlulayo siza kubhiyozelwa ngoSeptemba

UMyezo weNdalo i-Fernkloof uza kubiyozela ukugqiba iminyaka engama-60 wasekwayo ngexesha leHermanus Flower Festival kususele ngomhla wama-22 kuse ngomhla wama-25 kuSeptemba 2017.

Lo msitho uza kuba ngokhethekileyo kwaziswe ngencwadi eza kupapashwa ukuze lo Myezo weNdalo ube kho phakathi kweendawo ezinezinto ezaziwa ngazo. Le ncwadi iyi-A5 ubukhulu bayo, inamaqweqwe amibalabala athambileyo, inolwazi oluninzi neefoto ezisondele kuma-400 ezilwanyana nezityalo ezifumaneka kulo mmandla. Usebenza njengendawo enendlela etyhutyha ikhokele abathandi bendalo kuhambo oluziikhilomitha ezingama-60 ngeenyawo kwiindlela ezithungelanayo ukuya ezingxangxasini nemifanekiso yemibono eqhiphula umbilini phezu kweeNtaba zeKleinriver entla kweHermanus, indawo ethandwa ngabakhenkethi kwiPhondo leNtshona Koloni. Lo myezo uziihektare ezili-1,800 kulo mmandla, ukususela kumgangatho wolwandle ukusa kwiimitha ezingama-842 kwaye ulikhaya kwiintlobo ezili-1 250 zebhosisi.

UMyezo weNdalo i-Fernkloof uyinxalenye yeCape Floristic Region kufutshane nencakam esemazantsi oMzantsi Afrika. Nangona lo myezo ungowona mncinane kwiindidi ezintandathu zobukumkani obuhlonitshwayo ehlabathini, uqhayisa ngokuba nezona zityalo zishinyeneyo ezingumlibo weli lizwe ngeskwere semitha nebhosisi eziindidi-ndindi.

Ixabiso leCFR kwezoqoqosho ngokubhekisele kwizinto ezenziwa ngebhosisi isakuba ivuniwe (umz. ii-wildflowers) notyelelo lweendawo eziphila kuzo ezi zityalo, liqikelelwa kwizigidi ezingama-77 zeerandi ngonyaka. Ngoko ke, i-Cape Floristic Region inexabiso endalweni nakwezoqoqosho, likhaya kwizinambuzane nezityalo ngendlela etsala umdla kubakhenkethi.

Abatyeleli bavumelekile ukuba babe yinxalenye yezinto ezenziwayo ngexa kubhiyozwa: loo nto iquka i-Citizen Science Walks ezikhangela zifumane iintlobo ezinqabileyo zezilwanyana ezisemngciphekweni wokutshatyalaliswa, njengeDrewes' Moss Frog ne Cape Dwarf Chameleon. Nangona zifumaneka nezinye izidalwa amanani azo aphantsi kakhulu, singabala iGrey Rhebok, iCape Grysbok, iKlipspringer, imfene, nembila. Zingaphezulu kwe-100 iindidi zeentaka ezaziwayo, singabala iBlack Eagle neJackal Buzzard, iCape Sugar Bird, iSunbirds, iRock Thrush neRock Jumper.

Izinto eziyimidlalo yokonwabisa amalungiu osapho kwabadala nabancinane ziza kucetywa kwiintsuku ezine ezizayo. Zonwabise ngokubuka izityalo ezimbeje-mbeje, imiboniso kosingqongileyo neentlobo zefynbos ezifikelela kuma-400 neziyindalo yalo mmandla. Izinto ezitsala umdla ziza kuthengiswa ententeni, zonke zinomxholo obhekisele endalweni, ndawonye neencwadi, amakhadi nemithungo. Ezinye zezinto ezifana neembiza zokuhombisa egadini namatye okuchankcatha enziwe ngoosomashishini abasebenzisa izitulo ezinamavili ngenxa yokukhubazeka ziza kuba zikhona. Ngaphaya koko, izihlahla eziphililileyo zeentyatyambo ziza kuthengiswa. Isitiya sezithole sona siza kuba sineendidi- ndidi zezityalo zezwe lakuthi. Musa ukuhamba ungakhange ufumane isiselo nento esiwa phantsi kwempumlo eLinger eFynbos Café ephaya phakathi kwezitiya.

Ezinye izinto ezinika umdla:

Ezithandwa kakhulu: Izitiya ezili-10 ziza kulinywa ngexesha ubukele ukuze ugoduke unamava onokuwasebenzisa kwesakho ekhaya; lindibano zoCweyo ngoBugcisa obenziwa ngoMhlaba: Zenzele owakho uMfanekiso oqingqiwe ngoBugcisa usebenzisa izinto ezisendalweni; Imiboniso yimibutho yokuSingqongileyo enjengeCape Nature neWhale Coast Conservation; I-Botanical Sosayethi iza kubonisa ngezinto ezinqabileyo onokugoduka nazo uzigcine njengesikhumbuzo; Umboniso olungiselwe abantwana weNyoka yeBhosisi erhubuluza okomtyibilizi phakathi kwezitiya-; Umboniso woKhuphiswano lwaBafundi ngezinto ezenziwe ngoBugcisa; i-Alpacas nezinto ababonisa ngazo; Zenzele iSitiya samaPhupha; Ngenela ukhuphiswano uzuze amabhaso amakhlulu.

Faka olu suku kwidayari yakho uqiniseke ukuba akuphoswa ngulo msitho unembali. Abagcini beFernkloof Nature Reserve nguMasipala waseOverstrand neBhodi yaBacebisi baseFernkloof. I-Botanical Sosayethi yaseHermanus inegunya lokukhusela izilwanyana nezityalo kwaye ukufundisa abantu ngolondolozo lomyezo yinto esemxhelweni kubo.

linkcukacha ezithe vetshe:

I-Webhusayithi: ngu-www.fernkloof.org.za, khangela izalathisi neeMaphu.

Ku-Facebook: ngu-www.facebook.com/hermanusbotanicalsociety

Sithumele ku-E-mailus@telkomsa.net, okanye ku- altapretoriushermanus@gmail.com.